



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2019

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ali-9.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiwa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI,noYINYANISO / LULUVO. Ukunika isizathu/ ukunika ubungqina/ ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo,oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyanisiwe.
6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo,makisha **kuphela isibini** okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 ISICATSHULWA

- 1.1.1 Ukunqaba kwemisebenzi. ✓ (1)
- 1.1.2 D ✓ / Isinciphiso ngokwesiqu. ✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 1.1.3 Kuthathwe loo malana ibikhona ze umntu ashiyek e bambelele esidleleni. ✓✓ (2)
- 1.1.4 Siphuhlisa ukujika kwezinto ✓✓/ ukutshintsha kwemeko. ✓✓
- [Khetha ibenye kwezi.]** (2)
- 1.1.5 Sibuyisa umntu owabhubhayo. ✓ Sikhupha iinyoka ezindlini. ✓ Sinyanga ugawulayo. ✓ Sifaka uthando. ✓ Siwinisa iLotto kunye namahashe. ✓
- [Khetha zibe MBINI kwezi zingentla.]** (2)
- 1.1.6 Akwabikho / kwanqaba umntu kule meko. ✓✓ (2)
- 1.1.7 Bubuxoki. Abukho ubungqina. ✓ (2)
- 1.1.8 Lichaza ukuqhubekeka kwabantu besenza lo msebenzi wokuthenga. ✓✓ (2)
- 1.1.9 lindaba zemisebenzi engenabungqina yamagqirha, nenkolo ebantwini. ✓ (1)
- 1.1.10 Umoya wokukholewa. ✓ (1)
- 1.1.11 lindaba zafika zamkelwa kakhulu yinkosikazi. ✓ (1)
- 1.1.12 Xa ungena kule ndlu ungena ngaphantsi kweplastiki. ✓✓ (2)
- 1.1.13 ... rhoqo. ✓ (1)
- 1.1.14 UBawo andikhusele. ✓✓ (2)
- 1.1.15 Ungenkolo yamagqirha, ukukholewa nokuxokiswa kwabantu ngamagqirha. ✓✓ (2)

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2.1 Inkwenkwe √ nentombazana √ (2)
- 1.2.2 Umbhalo phambi kwenkwenkwe uthi “ Ndimile” ibe yona itsiba. √√ (2)
- 1.2.3 Isini – Imbonakalo imchaza ukuba uyintombazana. √
Isinxibo – ukucoceka kunye nehombo zitolika ubunenekazi. √ (2)

[30]

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo-manqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7(inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

lingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo.		lingongoma ezinokubhalwa ngumfundi.
1	Zibambe ungachithi imali ebaxe kileyo yigade inkcitho engabalulekanga nengafunekyo. Sukuthenga kuba kukho umoya wokuthenga, thenga ngokuqiqha ucinge phambi kokuthenga.	1. Sukuthenga ungacinganga, qala wazi izinto eziyimfuneko.
2	Yiba nombulelo ubulele uYehova ngokupha olu suku ebomini bakho. Abantu abaninzi abalifumananga eli thuba ulifumeneyo.	2. Bulela uzukise uSomandla ngobomi bakho.
3	Yithi qwa ujonganane nemingeni kuba eli xesha likhatshwa ziingxaki . Jongana nayo ngomoya omhle kwaye ungazintywili seli etywaleni nakwiziyobisi.	3. Lumka, jongana neengxaki zakho ungazifaki phantsi koxinzelelo lweziyobisi.
4	Yiba ngumntu ophayo. Khumbula isandla esiphayo sesisikelelekileyo kunesikhongozelayo. Eli ixesha lixesha lokunikela.	4. Funda ukunikela uphe abantu abaswelelyo kuba ukunikela yintsikelelo.
5	Khulisa umoya wakho elukholweni. Ikhrisimesi yimini enkulu yokuzalwa kweNkosi yethu, loo nto ithi uKrestu ufunu ukuzalwa ngokutsha kweyakho intliziyo.	5. Lo mhla mkhulu kuzalwa iNkosi yethu masiyicele iphile nathi.
6	Phepha amaqonga onxibelelwano kuba aza kubhidisa. Adume ngokukhupha zonke izinto ezintle kunye nezimbi eziza kubangela uxineke.	6. Hambela kude kwezonxibelelwano kuba zingakubhudisa ngalo mhla umkhulu, yonwaba.
7	Lifuna umntu aphefumlelane nabantu abasondeleyo kuye, kuhlalwe kuncokolwe kubemnandi. Ukujonga abanye ukuba benza ntoni, baphi kwaye banabani kulo ndawo.	7. Ncokola kamnandi nabantu bakho ungacingi ngabakude kuwe.
(118)		(51 amagama)

QAPHELA: Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
 - Impendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupuheleleyo.

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO-NTENGISO

- | | | |
|--|---|-------------|
| 3.1 | YiFNB Easy Account. ✓ | (1) |
| 3.2 | Entsha. ✓ | (1) |
| 3.3 | Kubantu abafuna ukuvula i-Account eFNB. ✓ | (1) |
| 3.4 | Ukutsala abathengi bazibandakanye okanye bayibone bayifune. ✓ | (1) |
| 3.5 | 24/7 ✓/ Akuvalwa ✓ / ubusuku nemini ntsuku zonke zeveki. ✓ | |
| [Nayiphi na kwezi] | | (1) |
| 3.6 | Yi-akronim. ✓✓ | (2) |
| 3.7 | B ✓/ Umbuzo buciko. ✓ | |
| [Nayiphi na kwezi] | | (1) |
| 3.8 | Siphumelele, kuba uncedo malunga nale akhawunti lufumaneka ntsuku zonke zeveki futhi ngamaxeshha onke. ✓✓ | |
| [Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] | | (2) |
| | | [10] |

UMBUZO 4

IKHATHUNI

4.1 Wasonga izanda. √ (1)

4.2 B √/ Enkonzweni. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

4.3 Umfundisi uthanda ihombo. √√
Umfundisi uphila kwixesha lokhanyo / lanamhlanje. √√ (2)

4.4 Uvakalelwa kabuhlungu. √√/ indlela athetha ngayo ibonakalisa ukukhathazeka √√/ Imbonakalo yakhe ayonwabanga. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

4.5 Uyanyanzela ubonakalisa ubuzwilakhe √√/ akazikhathalele izimvo zabanye √√/ izimbo zenkohlakalo. √√

[Nayiphi na echanekileyo] (2)

4.6 Uyaxeletwa amakakwenze. √√ (2)

[10]

UMBUZO 5

IPROZI

5.1 5.1.1 Isigqibelo. √ (1)

5.1.2 wam. √ (1)

5.1.3 ... engacingi nto. √ (1)

5.1.4 Amadoda. √ Abethwa kakhulu amadoda aseDimbaza. √√ (3)

5.1.5 C √/ Isimelabizo soquko. √ (1)

[Nayiphi na kwezi]

5.1.6 ... ikuqhubela. √ isixando sokwenzela / senzela. √ (2)

5.1.7 Ukhokele / wandulela isibizo esixeliweyo. √√ (2)

	IGATYA ELIYINTLOKO	IGATYA ELAYAMILEYO
5.1.8	Umntu ebonyanzela entweni nokuba akafuni. √	Ngela xesha. √

5.1.9 ... ukuzivalela. √ (1)

5.2 UMFANEKISO

- 5.2.1 Umama uthenga iintyatyambo ezintle xa kuzalwa umntu ekhaya. √√ (2)
- 5.2.2 Thengisani √ ezi √ tyatyambo ukuze ni √ fumane imali. (3)
- 5.2.3 ... ekomityini. √ (1)

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80